

# INDLELA YOKUFUMANA INKCAZELO YAKHO ECHAZA IRHAFU



#YourTaxMatters

Njengeshishini elikhasayo (SMME), ngaxa lithile okanye ngelinye uza kufunwa ukuba udlulisele / uqinisekise / wabelane ngenkcazelo yakho Yokuchaza Irhafu nelinye ishishini. Oku kusenokusetyenziswa kwiThenda, ikonkraki entsha, ukuma okuhle okanye ngokuvumelana noTyalo-mali Kwamanye Amazwe. **Inkcazelo yakho Echaza Irhafu inokufunyanwa kwinkqubo yeSazisi Sokuthobela Irhafu.**

## Yintoni inkqubo yeSazisi Yokuthobela Irhafu?



Isazisi Sokuthobela Irhafu (TCS) sithathel' indawo inkqubo yeSatisfikethi Esichaza Irhafu ngaphambili ebasesetyenziswa yi-SARS

Inkqubo entsha ye-TCS ikuvumela ukuba ufumane **IPINI** ye-TCS ngexesha elililo, kuneSatisfikethi seRhafu semiyalelo.

Khumbula! Isazisi sakho sokuthobela irhafu asimanga ngxi njengoko sitshintsha ngokuvumelana nokuziphatha kwakho kwerhafu yaye inokuchanaba amathuba akho oshishino.

## Kufuneka ntoni ukuze ndithobele irhafu?

Ukuze uthobele irhafu, ufanele uqinisekise ukuba:

- ✓ Ubhalisele zonke iintlobo zerhafu ezifunekayo
- ✓ Ufaka onke amaxwebhu akho erhafu ngexesha
- ✓ Uhlawule onke amatyala akho erhafu ngexesha



## Uyifumana njani IPINI ye-TCS nge-eFiling?

Qiniseka ukuba ufake i-Adobe Flash yaye unike imvume kwikhompyutha okanye kwi-laptop yakho. Tyelela [www.adobe.com](http://www.adobe.com) ukuze uyidawunlowude.



### 1 Ngena kwi-eFiling

Ukuba okwangoku awukabi yiyo i-eFiler, bhalisa apha [www.sarsefiling.co.za](http://www.sarsefiling.co.za).

Kufuneka ubhalise ukuze usebenzise i-eFiling yaye ube nohlobo olunye lwerhafu olusebenzayo kwiprofayili yakho ye-eFiling, ukuze ukwazi ukusebenzisa inkonzo ye-TCS.

### 2 Qalisa inkonzo yakho yeSazisi Sokuthobela Irhafu

Kufuneka kuphela uqalise kube kanye ukusebenzisa iSazisi Sokuthobela Irhafu, yaye iza kuhlala isebenza.

Wakuba uyiqalisile le nkonzo, uza kubona oku "Iprofayili Yam Yokuthobela" esikrinini.

Ukuba ubhalisele uhlobo olungaphezu kolunye lwerhafu yaye ezi ntlobo zerhafu awukazidibanisi zibe kwiprofayili enye ebhalisiweyo, kutyetiswa ukuba ugqibezele indawo ethi "Dibanisa Ezi Zinto" ukuze ubone iprofayili yokuthobela zonke iirhafu.



### 3 Jonga eyakho "Iprofayili Yam Yokuthobela"

Isazisi sakho sokuthobela siza kuboniswa nxamnye nezi mfuneko zokuthobela zilandelayo:

- Isazisi sobhaliso
- Ukufaka amaxwebhu
- Ityala
- Amaxwebhu afanelekileyo axhasayo.

Umbala ofakiweyo kwiprofayili uza kubonakala ukuze ubonise enoba uthobela irhafu kwimfuneko nganye yokuthobela edweliswe ngasentla.

**Hlaza** - Imiba yakho yerhafu ime ngomumo (ifanelekile) yaye umrhafi uyayithobela irhafu

**Bomvu** - Imiba yakho yerhafu ayikho kwimeko efanelekileyo yaye umrhafi akayithobeli irhafu.

## 4 Cela IPINI kwi-eFiling

Ukuze ucele IPINI yiya kwindawo ethi "Iprofayili Yam Yokuthobela":

- Khetha Ukucela Isazisi Sokuthobela Irhafu
- Khetha uhlobo lwe-TCS nto leyo ethatha ukuba uza kusebenzisa lona. Uza kuba nolu khetho lulandelayo:
  - » Ukuma okuhle
  - » Ithenda
  - » Intlawulo Yotyalo-mali Kwamanye Amazwe (Umntu ngamnye kuphela)
  - » Ukufuduka (Umntu ngamnye kuphela)
- Zalisa Isicelo Sesazisi Sokuthobela Irhafu yaye usithumele kwa-SARS.

IPINI yakho ifanele ithunyelwe ngokukhawuleza nge-SMS okanye ngeimeyili ukuba imiba yakho yerhafu ime ngomumo (ifanelekile).

IPINI yakho ifanele ithunyelwe ngokukhawuleza nge-SMS okanye ngeimeyili ukuba imiba yakho yerhafu ime ngomumo (ifanelekile).



Unokucela IPINI ukuba iphindwe ithunyelwe phantsi kwindawo ethi "Iprofayili Yam Yokuthobela"

## Ndinokwenza ntoni ukuba "Iprofayili Yam Yokuthobela" IBOMVU?

### Ukhetho 1:

Hlala kwindawo ethi "Ukungathobeli" isazisi esiboniswa kwi-eFiling ukuze ufumane iinkcukacha ezingakumbi ngendlela yokulungisa isazisi sokuthobela kwakho yaye noko oza kukwenza.

### Ukhetho 2:

Ukuba awuvumelani noku, yaye ufuna ukucel' umngeni isazisi sokuthobela kwakho serhafu, khetha indawo ethi "Cel' Umngeni Isazisi" ezantsi kwesikrini kwindawo ethi "Iprofayili Yam Yokuthobela".



## Ngubani onokuqinisekisa isazisi sokuthobela kwakho irhafu?

Kunokubakho izihlandlo apho umntu othile (umntu okanye enye inkampani okanye ishishini likarhulumente) kufuneka aqinisekise isazisi sokuthobela kwakho irhafu kwisicelo sethenda, sokuma okuhle - ukuqinisekisa enoba imiba yakho yerhafu ime ngomumo (ifanelekile) kwa-SARS, okanye intlawulo Yotyalo-mali Kwamanye Amazwe.

Ukuze uqinisekise isazisi sokuthobela kwakho irhafu kwi-eFiling, umntu okanye ishishini liza kufuna inombolo yembekiselo yakho yerhafu kunye nenombolo yePINI. Tyelela [www.sars.gov.za](http://www.sars.gov.za) inkqubo yokuqinisekisa **IPINI** ye-TCS.

## DISCLAIMER

The information contained in this leaflet is intended as guidance only and is not considered to be a legal reference, nor is it a binding ruling. The information does not take the place of legislation and readers who are in doubt regarding any aspect of the information displayed in the leaflet should refer to the relevant legislation, or seek a formal opinion from a suitably qualified individual. For more information you may – • Visit the SARS website [www.sars.gov.za](http://www.sars.gov.za) • Contact your registered tax practitioner; • Contact the SARS National Contact Centre – If calling locally, on 0800 00 7277; or If calling from abroad, on +27 11 602 2093 (only between 8am and 4pm South African time).